Isalathiso: 20170801-3435
12/2/13/6
Imibuzo: G. Schreuder

INgcaciso eMfutshane yeCandelo leKharityhulam ye*FET*: DCF 0019/2017

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNtloko zoQuquzelelo neNgcebiso ngezeKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoQuquzelelo neNgcebiso ngeze-*IMG*, kuBacebisi beZifundo nakwiiNqununu zezikolo ezizisekondari

Isihloko: Iphekhi yezibonelelo yabafundi be*FET* abasebenzisa iikhowudi ii-*Quick Response (QR) codes*

1. Umbono weSebe leMfundo leNtshona Koloni malunga neMfundo nge-*eEducation* ujolise kootitshala abasebenzisa ithekhnoloji njengenkxaso esoloko ikho kwizifundo eziqhelekileyo nekukudala zisetyenziswa. Injongo kukuba indlela yokufundisa (*teaching methodology*) ifumane inkxaso kwizibonelelo zethekhinoloji ezizintlobo-ntlobo ezizii-*multimedia-rich resources* lo gama abafundi befumana amathuba amahle okusebenzisa ii-*Information and Communication Technologies (ICTs)* ukuxhasa ukufunda kwabo.

2. Le pheki yezibonelelo iqhotyoshelweyo iqulethe iiwekhishithi zezifundo ze-*FET* ezifundisa ikhontenti yamaBakala 10 ukuya ku-12 yaye yenzelwe ezi njongo zilandelayo:

2.1 njengemisebenzi yohlaziyo yabafundi; kunye

2.2 nanjengemizekelo yootitshala yokuba bazenzele eyabo.

3. Izikolo ziya kufumana iikopi ezimbini zephekhi yezibonelelo. Ziyakhuthazwa iinqununu zikuhambise okuqulethwe yiphekhi enye kwiintloko zezifundo ezichaphazelekayo yaye ziyigcine enye iphekhi kwiirekhodi zazo.

4. Ukuba unemibuzo nokuba yeyiphi na ngeli phulo, uyacelwa uqhagamshelane no- Dr G. Schreuder kule nombolo yefoni: (021)4672630 okanye kule dilesi ye-imeyili Glynis.Schreuder@westerncape.gov.za

5. Ziyacelwa iinqununu ukuba zazise okuqulethwe kule ngcaciso imfutshane zonke iintloko zezifundo nootitshala.

ISAYINWE: NGU-PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO
UMHLA: 2017-08-08